SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**IMIYALELO NENGCACISO**

Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

1. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

2. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: | Idrama | (35) |
| ICANDELO C: | Amabali amafutshane | (35) |
| ICANDELO D: | Isihobe | (35) |

3. Phendula imibuzo emiBINI kumacandelo amaBINI, ngolu hlobo:

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: ISIHOBE
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBINI.

   Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.

4. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

5. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

6. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

7. Sebenzisa imizuzu engama-75 KWICANDELO NGALINYE.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kukunceda ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

**ICANDELO A: INOVELI**

**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo.**

| INANI LOMBUZO | AMANQAKU | IPHEPHA |
|---|---|---|
| 1. *Kusa Kusihlwa* | 35 | 5 |
| 2. *Umqol' uphandle* | 35 | 9 |
| 3. *UMonwabisi* | 35 | 12 |

**ICANDELO B: IDRAMA**

**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.**

| | | |
|---|---|---|
| 4. *Ndiyekeni* | 35 | 15 |
| 5. *Inzala YamaRhamba* | 35 | 19 |

**ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**

**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.**

| | | |
|---|---|---|
| 6.1 'Ngumntu onjani lo?' | 18 | 23 |
| 6.2 'Umhlahlo ngamehlo' | 17 | 25 |

**ICANDELO D: ISIHOBE**

**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.**

| | | |
|---|---|---|
| 7.1 'Nangamso nyana we-Afrika' | 18 | 27 |
| 7.2 'Ubudala' | 17 | 29 |

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**ITSHEKHLISTI**

**QAPHELA:** Phendula imibuzo emibini kumacandelo amaBINI.
Phawula (√) amacandelo owakhethileyo.

| ICANDELO | IINOMBOLO ZEMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDU-LWAYO | PHAWULA (√) |
|---|---|---|---|
| A: Inoveli<br><br>(*Kusa Kusihlwa*)<br>(*Umqol' uphandle*)<br>*(UMonwabisi)* | 1–3 | 1 | |
| | | | |
| B: Idrama<br><br>(*Ndiyekeni*)<br>*(Inzala YamaRhamba)* | 4–5 | 1 | |
| | | | |
| C: Amabali amafutshane<br><br>('Ngumntu onjani lo?')<br>('Umhlahlo ngamehlo') | 6.1 + 6.2 | 1 | |
| | | | |
| D: Isihobe<br><br>('Nangomso nyana we-Afrika')<br>('Ubudala') | 7.1 + 7.2 | 1 | |

**QAPHELA:** Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za

This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS



## ICANDELO A: INOVELI

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi noveli zilandelayo:

- *Kusa Kusihlwa* nguKS Bongela
- *Umqol' uphandle* nguMAP Ngani
- *UMonwabisi* nguZA Japhta

Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo.

### UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 1.1 noMBUZO 1.2.

1.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA A**

'Dadobawo! Ungakhe ulinge undixelele ngento yokwenda kwam, ungazange wende wena. Ndiyakucebisa ukuba ungangeni ezintweni zam. Andinakuze ndiyinyamezele le nokuba kuthiwa mandinyamezele. Ukuba kobu bulumko bakho uzama ukuquma uLungile kule mikhwa yakhe, ingasuka ihle ehlayo, torho. Uza kundazi namhlanje ukuba ndingubani na lo mfana kaNtsibande. Nokokuba sekusithiwa iintsiba zakhe zinde zigqiba ilizwe eli, ufike esitishini kule kaSoluthi intombi. Sis! Ndigezelwe **yinja!**?'

UYolisa umthobozile enyamezele ezo zinyembo naloo ntlamba wada waba uyanqandeka. Uyeke ngelithi umgcade ukufika kwakhe ngoLwesihlanu.

Njengokuba iveki isiya icutheka, nokhofukhofu lukaNomakhwezi luye lukhula ngokukhula ngokokude ngamanye amaxesha amane ukuhlasimla nokuba uyedwa. Ide yafika impela-veki waba uyafika uyise kaMpumelelo, loo nto ebuya eyekelele umzimba engazi ukuba litshawuza imibane. Wayengenalo nofifi lokuba kunyembelekile.

Wafika ephethe ubugcwabalalana bezinto ezinjengeziqhamo kunjalo nje ebuphathele inkosikazi yakhe. Yayikwakho nelokhwe awayeyifumene ngexabiso eliphantsi kula maxabiso entengiso, phofu yona iyeyexabiso ngokudalwa. UMpumelelo yena wayephathelwe ibhulukhwe.

Ibisisiqhelo esi. Utata xa ezayo kwakusaziwa ukuba uza kufika namaqithiqithi, wonke umntu abe nento ayifumanayo. Ebesithi esihla nje abe esamkelwa ngumama nonyana nabapheki eze kuphathiswa impahla ayiphetheyo, athi esihla nje abe amanzi ashushu ebekwa.

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za

This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS



1.1.1 Xela isizathu sokuba uNomakhwezi athi kuYolisa makangamxeleli ngento yokwenda kwakhe kwesi sicatshulwa. (1)

1.1.2 Ngqina ngolwazi olukwisicatshulwa ukuba uNomakhwezi uyibona injongo yentetho kaYolisa ikukuthethelela uLungile. (2)

1.1.3 Caphula inkcaza ebonisa ukuba uLungile wayeluthanda usapho lwakhe. (2)

1.1.4 Xela ukuba kutheni uNomakhwezi esithi uLungile yinja. (2)

1.1.5 Kutyhila ukuba liqhubeka kweliphi ixesha ibali ukubakho komzi we-inshorensi oqesha abantu abantsundu? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.6 Khankanya isenzo esibi esenziwe nguNozililo kuNomakhwezi malunga nomtshato kaNomakhwezi noLungile uze uxele ukuba silikhulise njani ibali.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isenzo (1)

(b) Indlela esilikhulise ngayo ibali (2)

1.1.7 Yintoni le wayengayilindelanga uNozililo xa wayesenza iyelenqe lokubulala uMpumelelo ngomhla womdaniso? (2)

1.1.8 Xhasa ngolwazi lwebali ukuba uZwide ungumlinganiswa onguvalithuba kweli bali. (2)

1.1.9 Cacisa ukuba umxholwana wokuthanda imfundo uphuhliswe njani ngomlinganiswa onguMpumelelo kweli bali. (2)



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

1.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA B**

'UNtsibande, mzi wasemaZizini nasemaJwarheni akafanga. Mna ndithi esi sisikhumbuzo sokuba le ntlantsi ishiyekileyo iqhuqhumbayo isahlalelwe kukuba ibe sisibane kwixa elizayo. Lo mzi wakwaNtsibande ngokubanzi udalelwe ukuba ukhonze isizwe. Naba babini balishiye eli phakade phantsi kwenkonzo yesizwe, ukanti ndiyaliphinda elithi, mzi wakwaNtsibande, sulani iinyembezi nithathe amanzi nisele kuba ngomso nisahlalelwe kukubuyekezwa kweenyembezi zenu.'

'Ningalili niqalekise kuba aniyazi imisebenzi kaYehova ukuba yimimangaliso kwayo. Nali ke elokugqibela endiza kulibhekisa kuni bafo basemaJwarheni, Thamsanqa nawe Mpumelelo. Ngokwangoku ke Thamsanqa, Jwarha isenguwe indoda yalo mzi eshiyekileyo kodwa ekuhambeni kwexesha uza kuncediswa ngunyana lo womkhuluwa wakho. <u>Ninobabini ningamaxhadi alo mzi ashiyekileyo</u>.'

'Wena woba liliso kulo mzi uncediswa nguYolisa lo. Imisebenzi kaThixo ingummangaliso kuba uLungile waba ngathi uyazi ukuba intambo yakhe iyasongwa xa wayeniphuthuma kwezo ndawo benikuzo ukuba nize kujonga usapho lwakhe … Kuwe, Mpumelelo mfo wam, ndiza kuwenza abe mbalwa. Eli gama lithi Mpumelelo apha kuwe lisisipho esikhulu. Into ethetha ukuthi ujongwe kukuphumelela. Ingade libe liyaduduma namhlanje linesithokothoko sobumnyama, neengqimba zamafu entlupheko nokuqaqamba kwentliziyo yakho, kodwa liza kududuma lidlule kushiyeke kuphela **ilitha eliya kulozisa** kuso sonke isibhakabhaka esigubungele umzi wakwaNtsibande nowakwaNtu ngokubanzi …'

1.2.1 Xela ukuba kutheni abantu bedibene kwaNtsibande ngale mini ekwisicatshulwa. (2)

1.2.2 Ngqina ukuba luzobo ngqo olusetyenzisiweyo ukuzoba uThamsanqa noMpumelelo kwisivakalisi esinomgca ngaphantsi. (2)

1.2.3 Nika umfanekiso-ngqondweni ovezwa yinkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

1.2.4 Kwezi ziganeko zilandelayo chonga eziBINI ezikwinqanaba lokujiya kwezinto.

A ULungile uthenga ivenkile kuMosia.
B Abazali bakaMpumelelo basweleka kwingozi yemoto.
C UMpumelelo wakha isibhedlele eLusikisiki.
D Iyelenqe lokuzama ukutshisa ivenkile yakwaNtsibande. (2)



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

1.2.5 Cacisa ukuba luvela njani ulwazi lokuba uNozililo akayekanga ukufuna ukuthatha ulawulo lwevenkile yakwaNtsibande nasemva kokuba beswelekile uNomakhwezi noLungile. (2)

1.2.6 Ngqina ngokwasencwadini ukuba uThamsanqa weyesenza umsebenzi oncomekayo kulawulo lwamashishini akwaNtsibande. (2)

1.2.7 Nika zibe MBINI izinto igqwetha elizenzileyo ukuphucula amashishini akwaNtsibande. (2)

1.2.8 Cacisa ukuba ukuthenga kukaLungile ishishini levenkile kuMosia kuliqhubele phambili njani ibali. (2)

1.2.9 Xela ukuba ufunde ntoni kweli bali ngesimo sikaNtongana sokuvumela konke okuthethwa nguNozililo. (2)

**[35]**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**UMBUZO 2: *UMQOL' UPHANDLE* – MAP Ngani**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo ziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 2.1 noMBUZO 2.2.

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA C**

'Naako ubhalela uEddie, uxoka usithi uyagula. Uzenze umntu oqhulayo, usithi makaye ebhayaskophu nesinye isithandwa sakhe asithandayo. Wawusitsho usazi ukuba uEddie akathunywa emabhinqeni, usazi kunjalo nje ukuba uza kuya kuLulama. Besiya ebhayaskophu nje bona wena uxakekile kwelakho icala; uzintyintya ngotywala kuba ufuna isibindi sokubulala uLulama. Walalela ndaweni ithile, watshisa ngevolovolo yakho – i-,38 *automatic*.

Kodwa uthe wawaphosa amabanga kuba uthe xa uqabelisa loo mcimbi wakho wokungcola wabulala isithandwa sakho – uEddie. Kanti ke kusenokwenzeka ukuba ubuse ugqibe ekubeni ubabulale bobabini ngenxa yokuqonda ukuba awusangeni ndawo kuEddie.'

…

Kude kwathetha uLinda, ebindekile: 'Ingaba ugqibile ukulawula iphupha lakho?'
'Ukuba liphupha, lisaphelele ke, nkosazana. Kukuwe ngoku. Khanyela, uyatyholwa!'
'Ukhohlakele, mcuphindini!' Ikhonkothe yatsho le nkazana, seyiphambene ngoku ngumsindo: 'Ungcolile! Uneengcinga ezimbi ngoEddie! Uneengcinga ezingcolileyo ngoLulama!! **Uneengcinga ezilizothe ngam**!!! UEddie wayengenanto yakwenza noLulama, ndisatsho nangoku. UEddie wayeza kutshata mna, engenaxesha lamntu wumbi. Ndiza kukubonisa umsesane wakhe wengeji ngoku.'

Uthe khwasu sel' entywizisa, embonzeleka kulaa ngxowa yakhe yesikhumba. UHlobo ukhawuleze waya kumthintela, wee rhutyu loo msesane epokothweni, wawuthi qhiwu: 'Ingaba uthetha ngalo msesane?'

Ithe nqumama intokazi imangalisiwe, amehlo ethe gwantyi iinyembezi.

2.1.1 Xela isizathu sokuba uLinda abe nomsindo ngokwesicatshulwa. (1)

2.1.2 Ngqina ngokwesicatshulwa ukuba kwakufanelekile ukuba uHlobo ambone njengomrhanelwa uLinda kuphando lwakhe lokubulawa kukaEddie noLulama. (2)

2.1.3 Caphula inkcaza ebonisa ukuba uHlobo wayemazi uEddie njengomntu othanda amabhinqa. (2)

2.1.4 Xela ukuba kutheni uLinda esithi uHlobo uneengcinga ezilizothe ngaye. (2)

2.1.5 Kutyhila ukuba liqhubeka kweliphi ixesha ibali ukubanompu kukaLinda engumntu omnyama? Xhasa impendulo yakho. (2)



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

2.1.6 Khankanya isenzo esibi esenziwa nguThembisa Ntlokonkulu mhla wayetyelele isikhululo samapolisa uze uchaze ukuba silikhulise njani ibali.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isenzo (1)

(b) Indlela esilikhulise ngayo ibali (2)

2.1.7 Yintoni le wayengayazi uHlobo ngompu kaLinda ngexesha awufumana engxoweni kaLinda? (2)

2.1.8 Xhasa ngolwazi lwebali ukuba uMamKhey ngumlinganiswa onguvalithuba kweli bali. (2)

2.1.9 Cacisa ukuba umxholwana wobuhlobo obunyanisekileyo uphuhliswe njani ngomlinganiswa onguJoe Bumba kweli bali. (2)

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA D**

'Hayi, sibali, ungasoneli thina kwesi sirhoxo samaMpondo kuba asikaziwa nangamapolisa. Kwezinye izirhoxo sibaleke ngokuqonda ukuba sibonelelwe. Sishiye wena sisedwa namaMpondo ethu. Sisafuna asinyuse.'

'O nantsi nenqwelo yethu sesifikile! Ze niyekeleni kum ndimbuze uThembsie ukuba uthini na ngeli cebo litsha lokugalela amanzi kwiibhotile zejini. Ze nive ke uza kungqina <u>oyithanda kakhulu indawo eneqhinga phakathi</u> … Wena Thembsie!'
Cwaka.
'He wethu Thembsie!'
'Tyhini! UThembsie ulele, madoda. Ufanele ke bethu; akasalali kwezi ntsuku leli gqabi. Kunjalo nje uya kuze afel' emanyaleni lo mntwana ngangendlela ayithanda ngayo imali. Wakhe walibona phi wena ibhinqa elizolele nayiphi na into ngenxa yemali?'

'Ungamhlebi uThembsie, sibali. Ungafika entenetyile.'
'Andimhlebi tyhini ndithetha inyaniso! Thembsie! Thembsie! Udinwe kukulinda na ntombi okanye usaqhoshile? … Wena Thembsie!'

Utsho ekhaba ucango umf' omkhulu. Kaloku izandla zazixakwe ngumthwalo osemhlana.

Uvuse intloko uHlobo ngaphaya kwetyholo – wabek' iliso.
Umfo lo wambukela kakuhle. Umbone kakuhle emi phambi komnyango ongasevilini - apho ke babemshiye khona uThembsie engekadibani nenqindi likaHlobo.
Uthe umfo akungafumani mpendulo, **wawulahla umgodlo wentsangu**. Uthe rhutyu ithotshi engxoweni, wayihlaba. Uthe ngokubona ukuba akukho Thembsie apho, waguqukela kucango olungemva.

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

2.2.1 Xela ukuba kutheni eli lungu lase*Moonglow Night Club* lisithi kusibali walo angaboneli kwisirhoxo samaMpondo. (2)

2.2.2 Ngqina ukuba luzobo ngqo olusetyenzisweyo ukuzoba uThembsie kwisivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

2.2.3 Nika umfanekiso-ngqondweni ovezwa yinkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

2.2.4 Kwezi ziganeko zilandelayo chonga eziBINI ezikwinqanaba lokujiya kwezinto:

A ULinda ufowunela uEddie.
B UHlobo undwendwela e*Femina House* ngenjongo zokuphanda.
C UEddie noLulama bafunyanwa befile.
D UHlobo ufumana i*tape recorder*. (2)

2.2.5 Cacisa ukuba luvela njani ulwazi lokuba uEddie wabulawa ngamalungu ase*Moonglow Night Club*. (2)

2.2.6 Ngqina ngokwasencwadini ubunyani bale ntetho ithi ingalo yomthetho inde. (2)

2.2.7 Nika zibe MBINI izinto ezamveza ukuba uHlobo ungumcuphi xa wayendwendwele e*Moonglow Night Club*. (2)

2.2.8 Cacisa ukuba ukuya kukaDuma esikhululweni samapolisa eyokuqonda ngokubanjwa kukaLinda kuliqhubele phambili njani ibali. (2)

2.2.9 Xela ukuba ufunde ntoni kweli bali ngesenzo sikaHlobo sokubamba uLinda ongenatyala ngokubulawa kukaEddie? (2)
**[35]**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za

This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS



**UMBUZO 3: *UMONWABISI* – ZA Japhta**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 3.1 noMBUZO 3.2.

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA E**

Ngethuba uThandabantu ebengusihlalo wakhe wayekela izinto zonke ngakwinkosikazi yakhe. Wayemthembile kaloku kwaye ke yonke loo nto babenayo babeyiqale bobabini, ngoku ke wamthemba ngako konke. Nolo sapho lwalulolwabo bobabini. Naye ke bethu uMamTolo wayengabonisanga kwahluleka okanye ukusindwa nguloo msebenzi womzi wakhe. **Kodwa singatsho ukuba isandla sakhe zange sifane neso sendoda yakhe**. Kuye umsebenzi wayengumsebenzi qha qwaba, hayi enye into. Kwakufanelekile ukuba ayazi indawo yakhe. Abathengi bona wayengenaxesha lokuhoyana neemfekethwana zabo. Wayengamameli nasiphi na isikhalazo sabo. Kambe ke impumelelo iyamguqula umntu iveze cala limbi lakhe ebelikade lingaziwa. Laa MamTolo wakuqala wayeyimvuze-mvuze bububele efana nomyeni wakhe, umdla wakhe omkhulu wawungekho kuloo mashishini abo. Wathanda ukuwayekela kwabo basebenzi babesebenza kuwo. Kungelo xesha kanye ke apho abo basebenzi bafumana ikroba lokuba babe loo mali yayingeniswa ngaloo mashishini. Loo mkhuba waqhuba engawuqapheli uMamTolo wada wabonwa nguRhadebe ekubuyeni kwakhe. Eyona nto eyayibambe umdla kaMamTolo yayingabantwana bakhe, ikakhulu amantombazana la, hayi ke waye ewakokosile ejonge yonke into enxulumene nawo. Kaloku wayeneenjongo eziphezulu kakhulu ngawo, ezimisele ukuba bakunqandwa ziinkwenkwezi njengoko amandla oko babenawo nomyeni wakhe. Inkolelo yakhe yayiyile yokuba kufuneka abantwana abaxabise ngokubenzela yonke into ...

3.1.1 Xela isizathu sokuba uThandabantu ayekele izinto kuMamTolo ngokwesicatshulwa. (1)

3.1.2 Ngqina ngolwazi olukwisicatshulwa ukuba uMamTolo wayekhangeleka ngokungathi uyakwazi ukuluthwala uxanduva awayeshiwe nalo nguThandabantu. (2)

3.1.3 Caphula inkcaza ebonisa ukuba uMamTolo wayengabakhathalelanga abathengi. (2)

3.1.4 Xela ukuba kutheni kusithiwa eyona nto wayenomdla kuyo uMamTolo ngabantwana bakhe abangamantombazana. (2)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

3.1.5 Kutyhila ukuba liqhubeka kweliphi ixesha ibali ubukho bamanesi antsundu? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.1.6 Khankanya isenzo esihle esenziwe nguThandabantu kuMaRhadebe uze uchaze silikhulise njani ibali.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isenzo (1)

(b) Indlela esilikhulise ngayo ibali (2)

3.1.7 Cacisa ukuba ibali liphela ungafezekanga umnqweno kaMamTolo wokuba abantwana bakhe babekumgangatho ophucukileyo kunokaMonwabisi. (2)

3.1.8 Xhasa ngolwazi lwebali ukuba uMaRhadebe ungumlinganiswa onguvalithuba kweli bali. (2)

3.1.9 Cacisa ukuba umxholwana wokuba ingqumbo ikwenza uthathe izigqibo ezingezizo uphuhliswe njani ngomlinganiswa onguThandabantu kweli bali. (2)

3.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA F**

Wahlaselwa yintliziyo kanye ngosuku olulandela olu lokufika kwaloo magosa uThandabantu. UMonwabisi wamleqisa esibhedlele eMthatha sele bonke bengenalo ithemba lokuba uya kuphila. Khumbula ke wena mfundi mhla uRhadebe eleqisa esibhedlele uMaRhadebe osisimumu mhla kuze kuzalwe uMonwabisi. Inene! UThixo uyazenza izinto Zakhe.

Waqhuba uMonwabisi **ngeso santya sasiphezulu** kunene eleqisa umguli. Masithi uThixo wayenabo kuba abazange badibane nasiphi na isiphazamiso kuloo ndlela isuka kuTsolo ukuya kufika eMthatha. Befikile esibhedlele oogqirha bambhilabhila nje bamdlulisela eMonti. Kulapho ke wafumana ubungcono uThandabantu kwathi kuphela usuku lwesithathu elapho wabe sele ecela ukukhululwa agoduke. UMamTolo yena wayegxwalise amehlo kukulalisa apho esibhedlele, <u>kwakuba ngabakho ncwina ivakalayo athathelele azame oku ebiza noogqirha</u>. Ke bethu noogqirha abo babemvumele ukuba alalele kufutshane nomguli lowo, nabo ke banikezela bengenalo ixhala bebona ukuba eyona ngozi idlule. Bala kodwa ukuba makahambe uRhadebe, besitsho ukuba baseneemvavanyo abafuna ukuzenza kuye. Wahlala apho esibhedlele uHlubi sele eyinto engqungungqungu kukuqumba esoloko ejongise ngaseludongeni kuba yena ezibona ukuba ngcono.

Wafika uMonwabisi emva kweeveki ezimbini engabonakalisi kunxunguphala okuye kubonwe kwabo baze kutyelela abagulayo.

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

3.2.1 Xela ukuba kwakutheni ukuze uThandabantu alaliswe esibhedlele. (2)

3.2.2 Ngqina ukuba luzobo mayana olusetyenzisiweyo ukuzoba uMamTolo kwinkcaza enomgca ngaphantsi. (2)

3.2.3 Nika umfanekiso-ngqondweni ovezwa yinkcaza ebhalwe ngqindilili. (1)

3.2.4 Kwezi ziganeko zilandelayo chonga eziBINI ezikwinqanaba lokujiya kwezinto.

A UMaRhadebe uyasweleka.
B UGcinumzi uyasweleka kwingozi yebhasi.
C Amashishini kaThandabantu anikezelwa kuMonwabisi.
D UThandabantu ushiywa ngabasebenzi bakhe abaninzi. (2)

3.2.5 Cacisa ukuba lifumaneke njani icebo lokusindisa amashishini kaThandabantu. (2)

3.2.6 Ngqina ngokwasencwadini ukuba abantu baseNtshiqo bamjikela uThandabantu. (2)

3.2.7 Nika zibe MBINI izinto ezimbi ezenziwe nguNobuntu ngelixa efunda eMtata Technical College. (2)

3.2.8 Cacisa ukuba ukungabikho kukaThandabantu phakathi kwekhaya ixesha elininzi kuliqhubele phambili njani ibali. (2)

3.2.9 Xela ukuba ufunde ntoni kweli bali ngesenzo sosoomashishini sokutyhola uThandabantu ngokuthwala. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## ICANDELO B: IDRAMA

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi drama zilandelayo:

- *Ndiyekeni* nguDM Jongilanga
- *Inzala YamaRhamba* nguM Mlokoti

Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.

### UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo ziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 4.1 noMBUZO 4.2.

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA G**

***(Emzini ka Loni kugqugula uRay, Thandiwe Loni noNomasoka Loni, unina kaMawonga.)***

...

THANDIWE: Ukuba ubesazi ebengasayi kulubeka olwakhe unyawo apha, nakanye.

RAY: Ukhe wenza mda mni wena njengenkosikazi yakhe?

THANDIWE: Akukho nto ndingayenzanga. Kona ukumthethisa kumvusa umnyele ange uthunakele. Nanko ke esiza.
*(UMawonga uviwa ethetha yedwa.)*

MAWONGA: *(Yintoni kanye? Suka khwelel'endleleni, wafa nguMawonga–hehe-he! Kutheni na? Uthini na? Hayibo! Andiyi apho). (Angene)*

MAWONGA: Yintoni kufe bani? Nazalisa indlu? *(Cwaka)*

NOMASOKA: O! Yini kodwa? Yintoni Mawonga mntwanam? *(Elila)*

MAWONGA: Yintoni kodwa mama? Su-u-kuzikhathaza ngam. Ndone bani? Thandie khawutsho mfazi, ndone bani?

RAY: Akonanga mntu, tu, qha nje sivelana nawe.

MAWONGA: O! Le ntlanganiso ingam?

RAY: Ukuba yintlanganiso ngubani owasemzini apha Lawu?

MAWONGA: Kunjalo kungenjalo, niqhele ukuba lapha, ngeli xesha? Nibizwe ngubani?

RAY: Mfondini! Akusekho kuncwela fosilarha ngoku, kuba nawe usidlwengule. Khawumamele sithethe nawe. Umntu akazange azibone konakala kwathini na, ubonwa ngabanye.

MAWONGA: Ndonakaliswe yintoni?

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

NOMASOKA: Hayi mntwanam, siphulaphule nokuba akuzi kwenza nto ngaloo nto.

RAY: Mfo kabawo, usapho lwakho uluhlalise bunyembezana. Ibiyinto enani na le uyithanda ngaphezu kosapho lwakho? Akutshiwo ukuba sukutya ukutya okuthandayo, kodwa funda ukuzilinda nokuzilanganisela. Waqala kakuhle, wagqibela ngamabibi.

MAWONGA: Uyagalela mfo kabawo kodwa ke nomlambo ukusuka elisweni uphala kuhle uphilisa ubuye elwagcwibeni utyekeza iingodo namabibi. Ndiyekeni mna, ndiye-keni.

4.1.1 Nika ngengongoma ENYE ulwazi olufumaneka kwizibiyeli ezibhalwe ngqindilili. (1)

4.1.2 Ngqina ngolwazi olukwisicatshulwa ukuba uMawonga akayazi into olubizelwe yona usapho lwakhe nguThandiwe. (2)

4.1.3 Caphula amazwi kaNomasoka abonisa ukuba ukhathazekile. (2)

4.1.4 Xela ukuba kutheni uRay esithi uMawonga uluhlalise bunyembezana usapho lwakhe. (2)

4.1.5 Kutyhila ukuba liqhubeka kweliphi ixesha ibali ukubakho kootitshala kule drama? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.1.6 Khankanya isenzo esibi esenziwe nguNdila esikolweni, uze uchaze ukuba silikhulise njani ibali.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isenzo (1)

(b) Indlela esilikhulise ngayo ibali (2)

4.1.7 Yintoni le wayengayazi uMawonga ngokuthandana kwakhe noZanele? (2)

4.1.8 Xhasa ngolwazi lwebali ukuba uLiziwe Nzuzo ngumlinganiswa onguvalithuba kule drama. (2)

4.1.9 Cacisa ukuba umxholwana wokungakwazi ukuzeyisa uphuhliswe njani ngomlinganiswa onguMawonga kule drama. (2)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za

This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS



4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA H**

*(Kuthe kusithi **chapha ilanga** sabe sesiboniwe isidumbu sikaMawonga kuba abarhuqi ababanganakho ukufikelela emfuleni kukothuswa yimoto. Abizwa amapolisa asithabatha isidumbu, sasiwa emapoliseni. Kuthe kwakungabikho nxeba, saqhaqhwa kwafumaniseka ukuba umfi ubulewe yityhefu. Sibona oontamnani abanumzane D Njobe no-S Maqhinga kwaLoni.)*

NJOBE: Nkosikazi masikucele okokuba usinyamezele. Size apha ngophando lokusweleka komyeni wakho.
MAQHINGA: Siza kubuza nje imibuzo embalwa ngomfi lo.
THANDIWE: Kulungile. Ingaba kukho kukrokreleka na kule nto?
NJOBE: Hayi nkosikazi, siqhuba isiko loburhulumente. Umyeni wakho ebeginya?
THANDIWE: Kakhulu.
NJOBE: Ziziphi iindawo ebethanda ukubutha kuzo? (Cwaka)
MAQHINGA: Sithetha indawo ebesela kuzo.
THANDIWE: Ubekholisa ukusela kwaThulethu, kodwa indawo ebehlala kuyo kukwaFuneka.
NJOBE: UFuneka lo uyintoni kuye?
THANDIWE: Kulapho kuhlala uZanele owandihlutha umfi lo.
MAQHINGA: O! Mandithi nkosikazi ucinga ukuba ngumntu wakhe?
THANDIWE: Andicingi ndiyanixelela nakuba ke phofu ndiva ukuba ngoku ufe selegxothwa apho oko waphelelwa ngumsebenzi.
NJOBE: Mh … Umfi lo umgqibele nini?
THANDIWE: Ngosuku olwandulela olu acholwe ngalo. Zange atye imini yonke, wemka ngorhatya, seva isithonga kwakusa.
MAQHINGA: O! uhlala phi uFuneka noZanele?
THANDIWE: Apha kwa NU3.
NJOBE: Siyabulela nkosikazi. Sisagqibile okwangoku. *(Baphuma baphindela e-ofisini apho bafike sekukho uNomawele Ngaliphi.)*

4.2.1 Xela ukuba kutheni uMnu. Njobe noMaqhinga beze endlwini kaLoni. (2)

4.2.2 Xela isiphumo sale ngxoxo iqhubeka kwesi sicatshulwa. (2)

4.2.3 Nika umfanekiso-ngqondweni ovezwa yinkcaza ebhalwe ngqindilili. (1)

4.2.4 Kwezi ziganeko zilandelayo chonga eziBINI ezikwinqanaba lokujiya kwezinto.

A UMawonga ubhaqa uLiziwe obethunywe utywala nguNdila.
B UMaziko undwendwela kwaNdila.
C UNdila ugwetywa intambo.
D UMawonga uyarhoxa emsebenzini. (2)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

4.2.5 Cacisa ukuba luvela njani ulwazi lokuba uMawonga ubulewe yityhefu. (2)

4.2.6 Ngqina ngokwasencwadini ukuba uthando lukaMawonga noZanele lwaluqhutywa yimali. (2)

4.2.7 Nika zibe MBINI izinto ezimbi ezenziwe nguFuneka kuMawonga akuba ephelelwe ngumsebenzi. (2)

4.2.8 Cacisa ukuba ukundwendwela kukaMaziko kwaMadala kuliqhubele phambili njani ibali. (2)

4.2.9 Xela ukuba ufunde ntoni kweli bali ngesenzo sikaNdila sokuziphindezela kuMawonga? (2)
**[35]**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

**UMBUZO 5: *INZALA YAMARHAMBA* – M Mlokoti**

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 5.1 noMBUZO 5.2.

5.1 Funda esi sicatshulwa soncwadi singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA I**

***KungoLwesine ezintsukwini. Kusegumbini leendwendwe kwaThambolenyoka, kuhleli uNoyongo, Nomhase, Nozigoci, Nozici noKuku.***

...

| | |
|---|---|
| BONKE: | *(Hahahahaha ... hahahahaha! ...).* |
| NOYONGO: | Uthi umfuna apha laa mntwana ngomso. Ndiqinisekile niyayazi bafazi nonke into eza kulandela. Sonke sisuka pha. |
| KUKU: | Kowu! Lilonyo-lonyo lelwabi lendoda eliya. Kodwa! Useza kumhlabela u-elandincamisayo ngenye imini. |
| NOMHASE: | Kowu! Uza kumxhaphaza umntwana womntu. Emyobe ngalaa tyhefu yakhe. |
| NOYONGO: | Yinyoka yantlandlolo leya ndiyakuxelela. |
| KUKU: | Yona yodwa, ela bixibixi lenkunzi yexoxo. |
| NOMHASE: | Kowu! Umthiye egazini wena Kukza. |
| KUKU: | Yhu! Yandiphoxa gqitha laa nto leya. Kodwa! Usaza kundazi. |
| NOZICI: | Hhe wethu mfazi, khaniyeke eliya xoxo wethu – wahamba njani nomntu omtsha? |
| NOYONGO: | Hayi kaloku nyoko, ibe yinyam' edada leyo kum. Ndiye ngqo apho kufele khona ithole, kwadibana ukufa neyeza. Ndithetha nje ngoku, iyangena sana eyam ikhomishini ngoLwesihlanu. |
| NOZICI: | Hhe! Utsho nyoko? |
| NOYONGO: | Kanjalo nje ukho ndikho. Uza kulala e*Room* 8 laa mntwana ngoLwesihlanu. |
| NOZICI: | Kowu! Inene sakuhlamba ezantsi kwakho gqwirhakazindini. |
| NOYONGO: | *(Ehleka egqezula)* Hahaha! Lona lodwa igqwirhakazi. Ndifuze umha uMaMfene. Umfazi wayenebele elinye nempundu enye kwedini ndiyakuxelela. |
| BONKE: | *(Baphele yintsini)* |
| NOZICI: | Kowu! Usile mfazindini. |

5.1.1 Nika ngengongoma ENYE ulwazi olufumaneka kwizibiyeli ezibhalwe ngqindilili. (1)

5.1.2 Ngqina ngolwazi olukwisicatshulwa ukuba ooNoyongo bayayazi into ezakwenziwa nguThambolenyoka kulo mntwana bathetha ngaye. (2)

5.1.3 Caphula amazwi abonisa ukuba uKuku akamthandi uThambolenyoka. (2)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

5.1.4 Xela ukuba kutheni uNoyongo esithi kube yinyam' edada ukufumana uDina. (2)

5.1.5 Kutyhila ukuba liqhubeka kweliphi ixesha ibali ukubakho kwabalinganiswa abasebenzisa iiselfowuni. Xhasa impendulo yakho. (2)

5.1.6 Khankanya isenzo esibi esenziwe nguNoyongo xa wayegalelela uDina isiselo uze uchaze ukuba silikhulise njani ibali.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isenzo (1)

(b) Indlela esilikhulise ngayo ibali (2)

5.1.7 Yintoni le wayengayazi uDina malunga nokunikwa kwakhe iselfowuni nguNoyongo? (2)

5.1.8 Xhasa ngolwazi lwebali ukuba uMbotoloshi ngumlinganiswa onguvalithuba kule drama. (2)

5.1.9 Cacisa ukuba umxholwana wokunyolukela imali uphuhliswe njani ngomlinganiswa onguThambolenyoka kule drama. (2)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

5.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA J**

| | |
|---|---|
| NOYONGO: | Hayi kodwa ntombazana uyandibhidisa ngoku. Kaloku wayethe akakufuni lo mfo apha. Uya kuthini ngoku ukuthi mandikudibanise naye? |
| DINA: | Heyi sisi Noyongo, andinandlela yimbi. Kufuneka ndidibene naye nakanjani. Ndizele mfazi, ndinabantwana.<br>Ke, uThambolenyoka makabone ukuba wenza njani.<br>Baza kutya ntoni aba bantwana? |
| NOYONGO: | Hayi bo, wathetha ngabantwana, wafumana amawele na kanti? |
| DINA: | Ndafumana amawele, andafumana mawele, ayifuni mntu loo nto. Ndinabantwana qha, futhi ngenxa yenu. Magqwirhandini. |
| NOYONGO: | Hayi bo mfazi! Ungakhe ulinge kaloku undithuke mna.<br>Tyhini! Inkenkqe yakho wayikhuphela kum ngoku? |
| DINA: | Mnxim! Andithi nguwe kanye menemenekazindini owawusenza ngathi naku-naku undithanda apha, kanti lonke elo xesha ungumnatha nje wokundibambisa, undibambisela ukundidlisa ngalaa nyoka yakho. Elaa menemene legqwirha lafelwa kudala bubuntu. Ngoku ndizele ndinabantwana ekufuneka bondliwe – niyasuka nindishiya kwesinomhlwa. |
| NOYONGO: | Tyhini Thixo wamaZulu! Usile moss mntanandini hhi!<br>Yini le! Uyindlavini yendladiya moss xa unje. Yhazi ndandikuthanda. |
| DINA: | Sowuqhelile! Ndithe nqa ukuthandwa lithole likanobiya kakade?<br>Khona ude uthi ndisile nje ndise xa unjani wena?<br>Khona xa ungubani? |
| NOYONGO: | Tyhini Thixo usile mntanandini! Futhi uqaqadekile. Yaye tshotsho ikufanele nale nto uyifumeneyo. |
| DINA: | O-o! Utsho? Yeka ke xa kunjalo. Uza kundazi. *(Watsho ephakama emshiya apho* ***ematshekile****.)* |

5.2.1 Xela ukuba kutheni uDina efuna ukudibana noThambolenyoka. (2)

5.2.2 Xela isiphumo sale ngxoxo iqhubeka kwesi sicatshulwa. (2)

5.2.3 Nika umfanekiso-ngqondweni ovezwa ligama elibhalwe ngqindilili. (1)

5.2.4 Kwezi ziganeko zilandelayo chonga eziBINI ezikwinqanaba lokujiya kwezinto.

A UNoyongo udibana noDina okokuqala.
B UDina ubalekiselwa esibhedlele ngootitshala bakhe.
C UThambolenyoka uyagwetywa.
D UDina ugxothwa kwaThambolenyoka. (2)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

5.2.5 Cacisa ukuba luvela njani ulwazi lokuba amapolisa akakwazi ukumbamba uThambolenyoka. (2)

5.2.6 Ngqina ngokwasencwadini ukuba uThambolenyoka wayengabakhathalelanga abasebenzi bakhe. (2)

5.2.7 Nika zibe MBINI izinto ezimbi ezazisenziwa nguDina ezazixhalabisa abazali bakhe. (2)

5.2.8 Cacisa ukuba ukuqhathwa kukaNoyongo nguSajini Gxalaba kuliqhubele phambili njani ibali. (2)

5.2.9 Xela ukuba ufunde ntoni kweli bali ngesenzo sikaDina sokuthemba umntu omdala angamaziyo. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kula mabali mafutshane alandelayo:

- 'Ngumntu onjani lo?' nguLL Ngewu
- 'Umhlahlo ngamehlo' nguLL Ngewu

Phendula YONKE imibuzo esetwe kumabali amafutshane owafundileyo.

### UMBUZO 6

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kumabali amaBINI uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINi izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 6.1 noMBUZO 6.2.

6.1 **'NGUMNTU ONJANI LO?' – LL Ngewu**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA K**

Ibhokisi ixhaswe zizitulo ezibini ebeziphambi kwetafile kamfundisi. Akugqiba la madoda ukuyibeka ibhokisi kusondele abafazazana ebebephethe amakhukho nezicamba ezandlalwe ngobunono kufutshane nomkhumbi. Abazili bahlaliswe kula makhukho nezicamba. Kukhe kwathuleka umzuzwana ingathi akukho mntu waziyo ukuba kufuneka kwenzeke ntoni.

Kuphakame ufafa lomfana weza ngqo kumfundisi, wafika wamnika iphetshana. Ulijonge nje kancinci umfundisi eli phetshana, kwabonakala ngohlobo alityhilizele phaya ngalo ukuba kumcimbi wokufunda umfundisi lo akazingci nganto. Umile lo mfana ejonge ntsho kumfundisi, ngokungathi ulindele impendulo yencwadi ebemgqithisele yona. Ude umfundisi wasebezela lo mfana wathi kuye, *'Siza kuqala ngomthandazo. Kodwa lo mntu ndize kumngcwaba ngumntu onjani?'* Umfana akawuphendulanga lo mbuzo kamfundisi, koko uye wajonga kude.

Umfundisi uyalele ukuba kuculwe iculo elithi: *'Yesu Langa lomphefumlo'.* Umthanjiswa uyenzele lula le rhamente kuba kumqolo ngamnye ubethi ngqe ngaphambili awufunde okwesitshingitshane umqolo. Nakuba umfundisi ebenzele lula abantu kubekho madoda athile axhathise kuhlobo lokucula ucula ngoohawu hawu abaninzi. Ukhe wawuphosa umfundisi omnye umqolo ecatshukiswe yinto angabanga nako ukuyinyamezela. Ukhombe eny' indoda wakhwaza wathi, *'Thul'isankwane eso akukho sembholorhweni apha!'* Babekho abakhe bangena ngengoma kumcimbi wesankwana koko banqandwa kukugigitheka kwentsini, kubonakala ukuba kuyahlekwa nokuba kufiwe.

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

6.1.1 Xela isizathu sokuba abafazazana babeke amakhukho nezicamba ecaleni komkhumbi ngokwesicatshulwa. (1)

6.1.2 Ngqina ngokwesicatshulwa ukuba umfundisi wayengamazi lo mntu aze kumngcwaba. (2)

6.1.3 Caphula inkcaza ebonisa ukuba umfundisi ebekhawuleza awufunde kwangaphambili umqolo. (2)

6.1.4 Xela ukuba kwakutheni umfundisi aze acaphuke xa kwakuculwa. (2)

6.1.5 Kutyhila ukuba liqhubeka kweliphi ixesha ibali ukufundwa kwemiyalezo emngcwabeni? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.1.6 Khankanya isimo sikaManduleli esibi kwindlela ebehlelisene ngayo nabantu esaphila, uze uchaze ukuba silikhulise njani ibali.

Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Isimo sikaManduleli (1)

(b) Indlela esilikhulise ngayo ibali (2)

6.1.7 Yintoni le wayengayazi umfundisi ngesenzo samadoda sokuxokozela ngasebuhlanti axakeke kukutya inyama? (2)

6.1.8 Xhasa ngolwazi lwebali ukuba umfundisi wenkonzo kaManduleli ungumlinganiswa ongummeli-ntlobo kweli bali. (2)

6.1.9 Chaza ukuba umxholwana wokungasebenzisani nabantu ekuhlaleni uphuhliswe njani ngomlinganiswa onguManduleli kweli bali. (2)



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

6.2 **'UMHLAHLO NGAMEHLO' – LL Ngewu**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA L**

Akuphelanga neenyanga ezintathu uZolani lichithiwe ityala ebetyatyekwa lona waphinda wavela enkundleni kwangesi sityholo sinye. Namhla ebengenammeli wokumkhusela koko ezizele nje ngesibindi ukuqina okanye ngentloko ukuthamba. Ukhe wakhanyela wakhwela emthini uMthi lo koko oko kukhanyela akuhambanga ndima inde. Namhlanje bekungekho nokufunisela ukuba isigwebo sikaNompoxeko sasifanelekile. Bezikho zonke izinto ezibambekayo kwisidlwengu. Umsebenzi womtshutshisi ubelula kakhulu ngale mini.

Ummangali ibinguNonkanyezi intwazana eyayigqwashule yaphuma enkundleni ngokugxothwa lipolisa kuba <u>ibonakele iselula</u> mhla kwakuxoxwa ityala likaNompoxeko. Iyixelele le ntwazana inkundla ukuba uZolani wayazisa ukuba nokuba ingaya kweyiphi na inkundla akayi kubhungca emacebetshwini kuba yena enobungcali bokubhutya umntu ngobubende inyama engayidlanga. Le ntwazana iyixelele inkundla ukuba ummangalelwa lo njengamfana wakwaMthi uzingce ngokuba yena unomthi kanomyayi yaye kudala ekweli khondo. UNonkanyezi lo ubeyiphale kanobom le nkewu ngezo nzipho zakhe, zimfutshane zinjalo. Uhlangulwe kumalinge eli tshijolo **kukusitsho esofelweyo, esisitshotho enjalo**. Eli ityala belichotshelwe ndedeba yimbi, ebekubonakala ukuba ayikatofeki zizihelegu ezenziwa ngabantu.

6.2.1 Xela ukuba kutheni uZolani ezokuvela enkundleni ngokwakwisicatshulwa. (2)

6.2.2 Ngqina ukuba luzobo ngqo olusetyenzisiweyo ukuzoba uNonkanyezi kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi. (2)

6.2.3 Nika umfanekiso-ngqondweni ovezwa yinkcaza ebhalwe ngqindilili. (1)

6.2.4 Kwezi ziganeko zilandelayo chonga eziBINI ezikwinqanaba lokujiya kwezinto.

A UNompoxeko ujijisana noZolani xa ebuya kwitheko lonoobuhle.
B UNompoxeko uvela enkundleni yamatyala.
C UZolani ugwetywa ubomi bakhe bonke entolongweni.
D UNonkanyezi ugxothwa enkundleni yamatyala. (2)

6.2.5 Cacisa ukuba luvela njani ulwazi lokuba uNompoxeko noZolani babefunda kunye. (2)

6.2.6 Ngqina ngokwasencwadini ukuba uZolani wayengaqali ukudlwengula ngoNompoxeko noNonkanyezi. (2)

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

6.2.7 Nika zibe MBINI izinto ezavelayo enkundleni ezazithunyelwe nguNompoxeko kuZolani. (2)

6.2.8 Cacisa ukuba ukungamelwa ligqwetha kukaZolani enkundleni kwisityholo sokudlwengula kwakhe uNonkanyezi kuliqhubele phambili njani ibali. (2)

6.2.9 Xela ukuba sifunde ntoni kweli bali ngemeko kaNompoxeko yokungabi nabungqina bubambekayo kwityala atyhola ngalo uZolani. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**



SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za


This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

## ICANDELO D: ISIHOBE

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kule mihobe ilandelayo:

- 'Nangamso nyana we-Afrika' nguS Potelwa
- 'Ubudala' nguS Maputi

Phendula YONKE imibuzo ekwimibongo oyifundileyo.

### UMBUZO 7: *IVAMNA BAFAZI BOLUSU* – S Maputi nabanye

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule mihobe uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuyo yomiBINi imibongo oyifundileyo, oko kukuthi UMBUZO 7.1 noMBUZO 7.2.

7.1 Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

**NANGAMSO NYANA WE-AFRIKA – S Potelwa**

Halala! Sikothul' el' umnqwazi, tshawendini!
Uliqhawe lethu, uliqhawe lesizwe kwedini!
Xa besilahl' izandla, sisith' ucimil' umlilw' ethemba;
Wena ubhaqe ntlantsana, wakhwezela waphemba;
De kwavel' idangaty' elikhanyis' isizw' esiMnyama;
Lafudumez' iintliziyo ngethemba baded' ubumnyama;
Siyabulela kuwe nyana weAfrika sithi, nangamso!

Sithi tshotsh' ubekho, namhlanje nathi singabantw' ebantwini;
Sithi tshotsh' ubekho, namhlanje nathi ngoku sikhulil' ebantwini;
Nangamso ke, mzukulwana kaMandela ngokuzenz' idini lesizwe;
Namhlanj' iAfrik' iyakukhahlela Diba ngokubonis' ubuthandazwe;
Siyazidla, siyazingca ngawe ntondini, sizingomb' izifuba;
Siyanyalasa sakh' amaxhaka kuba usivulel' amathuba.
Siyabulela kuwe nyana weAfrika sithi, nangamso!

Namhlanje nolwethu' ulwim' eburhulumenteni luseluhlwini;
Phakathi kwazw' iilwimi ezihlonitshiweyo naseluntwini;
Namhlanje nesiXhosa sethu naso siyinteth' eseburhulumenteni;
Ngoku nathi sonqasha kamnandi ngokusesikweni;
Sinqunqutha ngaso nakwezaseburhulumenteni.
**Tyhini!** Akukho zithintelo ngoku sisenkululekweni;
Soliphuhlisa siluhlumise de nalo luhlonipheke;
Siyabulela kuwe nyana weAfrika sithi, nangamso!

Umlisela nomthinjana wezwe lethu uvuselelekile;
Ithemba lengomso eliqaqambileyo lihlaziyekile;
Xa likho ihlumelo nay' iAfrika yogqama iqaqambe;
Ngumhlanjan' osakhasayo kakad' olithemba lengomso;
Ngumgqekwan' osantshulayo kakad' olikhwezi lomso.

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

| | | |
|---|---|---|
| 7.1.1 | Nika inkcaza kumqolo wokuqala ebonisa ukuncoma. | (1) |
| 7.1.2 | Chaza isakhiwo sangaphandle salo mqolo wesi-6 ulandelayo.<br><br>'Lafudumez' iintliziyo ngethemba baded' ubumnyama' | (1) |
| 7.1.3 | Xela uhlobo lophindaphindo olukrwelelwe umgca kumqolo wesi-8 nowe-9. | (1) |
| 7.1.4 | Ingaba kuyinyani okuthethwa kumqolo we-15? Xhasa impendulo yakho. | (2) |
| 7.1.5 | Caphula umqolo oyimpinda kulo mbongo. | (2) |
| 7.1.6 | Xela isafobe esibhalwe ngqindilili kumqolo we-20. | (1) |
| 7.1.7 | Ludidi luni lombongo olu? | (1) |
| 7.1.8 | Nika isithethantonye seli gama 'siluhlumise' elisetyenziswe kumqolo wama-21. | (1) |
| 7.1.9 | Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli.<br><br>Xa kuthethwa ngomlisela nomthinjana kuthethwa ngolutsha. (olungamakhwenkwe namantombazana/olungamatsha-ntliziyo) | (1) |
| 7.1.10 | Nika ingongoma ephambili yesitanza sesi-4. | (2) |
| 7.1.11 | Xela umfanekiso-ntelekelelo ovela kulo mqolo ungezantsi.<br><br>Ngumgqekwan' osantshulayo kakad' olikhwezi lomso. | (2) |
| 7.1.12 | Xela ukuba unjani umoya otyalwa yimbongi kulo mbongo. Xhasa impendulo yakho. | (3) |

SA EXAM PAPERS
Proudly South African

SA EXAM PAPERS | This past paper was downloaded from saexampapers.co.za



This Paper was downloaded from SAEXAMPAPERS

7.2 Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

**UBUDALA – S Maputi**

Yingqokelela yeminya**ka**
Obungabuniyo ubunkcuba-buchopho buyakaya**ka**,
Iintlungu, amaqhwa, neenyakanya**ka**,
Amava, indyebo nemixha**ka**,
Awe obhetyebhetye ngobuthatha**ka**,
Kobu bom athi ukubethe**ka**,
Imibimbi ingasafihleki ithe qha**ka**,
Lutshaze unwele ludlakadla**ka**,
Chu njengelanga esibhakabhakeni,
Iindlela zonke zikhombe engcwabeni,
Entshulile amava ekhonjwa empandleni,
Bekhweba behewula enyangweni,
Isizukulwana siza kushiywa enyanyeni,
Ngexesha elililo ubudala busedlakeni.

7.2.1 Xela zibe MBINI izinto eziveza iingxaki zobudala ezikumqolo wesi-3. (2)

7.2.2 Ngcinga ni eveliswa kukusetyenziswa kwezithethantonye kulo mqolo ulandelayo?

Awe obhetyebhetye ngobuthathaka. (2)

7.2.3 Xela isixhobo sesandi esibhalwe ngqindilili kwi-Okhtheyivu yalo mbongo. (1)

7.2.4 Nika intsingiselo yegama, 'Chu …' elikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mqolo ulandelayo ngokomxholo walo mbongo.

<u>Chu</u> njengelanga esibhakabhakeni. (2)

7.2.5 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba lo ngumbongo oyisonethi. (2)

7.2.6 Msebenzi mni owenziwe ziikoma kulo mbongo? (2)

7.2.7 Xela ukuba injani ithoni yalo mbongo kumqolo we-12 ukuya kowe-14. Xhasa impendulo yakho. (2)

7.2.8 Nika umyalezo odluliswa yimbongi kulo mbongo. (2)

7.2.9 Ingaba uyavumelana nendlela imbongi ebubona ngayo ubudala kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**

SA EXAM PAPERS
Proudly South African